URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Mark van der Vendt**
ICandelo loLawulo lweMicimbi yaBasebenzi ngoBuchule
Mark.VanderVendt@westerncape.gov.za | 021 467 2509

Inombolo yefayili: 3/3/2/4/12
Isalathiso: 20240422-3293

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule: 0005/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela Balawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoKunika iNKxaso kuBafundi kwiZithili, kwiiNqununu nakubo bonke aBasebenzi beNkonzo kaRhulumente

**ISihloko: Iifom zezicelo ezintsha nezatifiketi zootitshala nabasebenzi benkonzo karhulumente abenza izicelo zemvume yokwenza umsebenzi ohlawulelwayo owenziwa ngaphandle kwenkonzo karhulumente *(RWOPS)***

1. Oku kumalunga neNgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweMicimbi yaBasebenzi ngoBuchule 0001/2024, yomhla we-23 Januwari 2024, neSetythula 13/2024, yomhla we-11 Matshi 2024, eyakhutshwa liSebe leNkonzo kaRhulumente noLawulo *(Department of Public Service and Administration)* ngokumalunga neMiyalelo engeMikhwa eseSikweni (*Ethics Directives*) evunyiweyo evela kuMphathiswa weNkonzo kaRhulumente noLawulo nokwenzela ukuphunyezwa kwayo ukususela ngowe-01 Apreli 2024.

2. NgokweMiyalelo ii-*Ethics Directives*, iifom zokwenza isicelo nezatifiketi zootitshala nabasebenzi benkonzo karhulumente abenza isicelo semvume yokwenza umsebenzi ohlawulelwayo owenziwa ngaphandle kwenkonzo karhulumente, zijongisisiwe ukulungiselela ukuba inkqubo yezicelo yenzeke lula nangokuchanekileyo ngokungaphezulu.

3. Inkqubo yokwenza isicelo ehlaziyiweyo iquka oku kulandelayo:

3.1 Ifom yesicelo yomenzi-sicelo omtsha;
3.2 Ifom yokwenza isicelo kwakhona (*Reapplication form*) (abenzi-sicelo abaneemeko zengqesho ezingatshintshanga kwizicelo zabo zethuba elidlulileyo);
3.3 Isatifikethi sokuvunywa;
3.4 Ileta engqininisa ukufumaneka kwemvume eyimfuneko (imvume enikwa emva komhla wokuphelelwa kwethuba lemvume); kunye

3.5 Nezixhobo zokunika iingcebiso kubaphathi babantu/kwiisuphavayiza nakumaGosa azii-*Ethics Officers* xa kunikwa iingcebiso kwabasemagunyeni abalawulayo.

4. Abaqeshwa abafuna imvume yokwenza umsebenzi ohlawulelwayo owenziwa ngaphandle kwenkonzo karhulumente (*RWOPS)* nabo banenjongo yokwenza umsebenzi ohlawulelwayo owenziwa ngaphandle kwenkonzo karhulumente (*RWOPS),* mabazalise ifom yesicelo entsha okanye ifom yokwenza isicelo kwakhona baze bayingenise kule dilesi ilandelayo:

*Head: Education*
*For attention: Director: Strategic People Management*
*Western Cape Education Department*
*Private Bag X9114*
*CAPE TOWN*
*8000*

**OKANYE**

I-imeyili: RWOPS.Applications@westerncape.gov.za

5. Abaqeshwa abanezicelo ze-*RWOPS* zalo nyaka-mali umiyo esele zivunyiwe phambi kokupapashwa kwale ngcaciso imfutshane, akuyomfuneko ukuba bafake izicelo kwakhona.

6. Kucelwa wazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kubo bonke abaqeshwa abaphantsi kolawulo lwakho.

**ISAYINWE:** NGU-M CRONJE
**INTLOKO USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEENKONZO ZEZIKO**
**UMHLA:** 2024-04-29